Isifundo 4

**Januwari 19–25*

Ukuhlaliswa Etroneni KweMvana

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
IsiTyhilelo 4, Ezek. 1:5–14, IsiTyhilelo 5, Eph. 1:20–23, Heb. 10:12, IZenzo 2:32–36.

Indima Yenkumbulo:
"Lowo weyisayo, ndiya kumvumela ukuba ahlale nam etroneni yam, njengokuba nam ndeyisayo, ndaza ndahlala phantsi noBawo etroneni yakhe" (IsiTyhilelo 3:21).

Umbono odluleyo uveze izigidimi zikaKristu eziya kubantu baKhe emhlabeni. Ngoku, umbono uyasuka emhlabeni uya ezulwini, uqwalasela "izinto ezimele ukubakho emva kwezi." (IsiTy. 4:1, NKJV)—ixesha elizayo. Umbono wezahluko 4-5 unika umbono ohambayo wembambano enkulu. Ngenxa yoko, njengesiTyhilelo 12, umboniso wezahluko 4-5 ubonisa ngokomfuziselo imbali yecebo losindiso, iqalela kulungiselelo lukaKristu emhlabeni. Ngaphambi kokuba kuvezwe imbali, phofu, sinikwa ukukha sibone ukumiselwa kukaKristu kulungiselelo lwasemva kweKalvari ezulwini. Ngaloo ndlela, izahluko 4-5 zinika icala lasezulwini kwintsingiselo yeziganeko ezizayo ezibhalwe ukuya ekupheleni kwencwadi.

Omnye unako ukuphawula ukuba, lo gama izigidimi eziya kumabandla asixhenxe zazibhalwe ngolwimi olunendawo ethe ngqo, ukususela ngoku ukubheka phambili, incwadi isebenzisa intetho yemifuziselo engasoloko ilula ukuyichasa. Le ntetho isuswa kwimbali yabantu bakaThixo, njengoko ibhalwe kwiTestamente eNdala. Ingcaciso eyiyo yesiTyhilelo ifuna ukuqondwa kakuhle kwentetho yemifuziselo ngokubonakala kweTestamente eNdala.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJanuwari 26.*

Egumbini Letrone Lasezulwini

Ukususela kwisiTyhilelo 4:1, uYesu umema uYohane ukuba aye ezulwini ukuze aboniswe umboniso bhanyabhanya wembali esuka kwixesha lakhe kude kubuye uKristu.

Funda: IsiTyhilelo 4:1–8, kunye noHezekile 1:26–28. NgokwesiTyhilelo 5:11–14, yintoni esinokuyifunda ngobuhle begumbi letrone lasezulwini?

Umpostile wakhangela ngomnyango ovuliweyo ongena etempileni yasezulwini nakwitrone kaThixo. Itrone ifuzisela ulawulo lukaThixo negunya lokulawula phezu kwendalo, lo gama umnyama oyijikelezileyo itrone ufuzisela ukuthembeka kwaKhe kubantu baKhe. Noko kunjalo, uSathana, umchasi waKhe otsalela kuye, uye waphikisana negunya likaThixo. Umba ongumongo kwimbambano enkulu phakathi kukaThixo noSathana ungokuba, ngubani onegunya lokulawula. Injongo yequmrhu lasezulwini, elihlangene kwigumbi letrone, yayikukunika impendulo kube kanye kuyo yonke indalo ngelungelo likaThixo lokulawula indalo [iyunivesi] yonke.

Funda: IsiTyhilelo 4:8–11 nesiTyhilelo 5:9–14. Yintoni onokuyifunda ngonqulo oluyinyaniso kule ndawo? Kutheni le nto uThixo efanele ukuba anqulwe kwisahluko 4, kuthe naYo iMvana ifanele ukuba inqulwe kwisiTyhilelo 5:9–14?

IsiTyhilelo 4 sinika inkcazo yegumbi letrone kwitempile yasezulwini nonqulo olusoloko luqhubeka apho. Ngeli xesha unqulo kwisahluko 4 ludumisa amandla okudala kaThixo, isahluko 5 sikhumbula ukuhlangulwa okubekho ngeMvana exheliweyo. Oku kubonisa ukuba unqulo lwenyaniso lubalisa lukhumbule izenzo zamandla zikaThixo nokukwazi ukubuyisela kwimo yasekuqaleni nokukujika kube likhaya laphakade labantu baKhe, konke oko wayethembise ukuba uya kukwenza.

Cinga ngoko kufundiswa yigospile: Lowo wadalayo, ingesithi kuphela nelizwe lethu kodwa yonke into ekhoyo, wayekwayiyo "iMvana eyaxhelwayo" (IsiTy. 5:12) ngenxa yethu. Themba lini elimangalisayo elinikwa koku phakathi kwezwe elizaliswe yintlungu nesiphithiphithi?

Ingqungquthela Ezulwini Kwigumbi Letrone

Ukuchazwa kwamadoda amakhulu kwisiTyhilelo 4:4 kubonisa ukuba awazizo izithunywa zezulu. Isaci "amadoda amakhulu" eBhayibhileni sisoloko sisetyenziswa ebantwini. Ngokungafaniyo neengelosi, ezisoloko zimi phambi kukaThixo, la madoda makhulu ahleli ezitroneni. Iingubo ezimhlophe azambetheyo sisinxibo sabantu bakaThixo abathembekileyo (IsiTy. 3:4, 5). Izithsaba zoloyiso (ngesiGrike istephanoi) phezu kweentloko zawo, zigcinelwe kuphela abangcwele aboyisileyo (Yakobi 1:12). Konke oku, kunika into ethi, amadoda amakhulu angama-24 ngabangcwele abazukisiweyo.

Inani lama-24 lingumfuziselo: linamaqela amabini e-12, i-12 eBhayibhileni lingumfuziselo wabantu bakaThixo. Ama-24 amadoda amakhulu anokumela abantu bakaThixo bephelele, kusuka kumaxesha eTestamente eNdala neTestamente eNtsha. Inani ama-24 likwabonisa abaphathi bamahlelo angama-24 ababingeleli ababetshintshisana kumsebenzi weenkonzo zasetempileni yasemhlabeni (1 IziKronike 24:1–19). Into yokuba ama-24 amadoda amakhulu engazanga akhankanywa ngaphambili eBhayibhileni inika into ethi aliqela elitsha kwigumbi letrone elisezulwini. Kunokwenzeka ukuba ngawo aba bantu bavuswe ekufeni mhla uYesu wafa (Mat. 27:51–53). Ngokwabase-Efese 4:8, xa uYesu wayenyukela ezulwini, wathabathela kuYe intimbo.

Ama-24 amadoda amakhulu awanyuka noYesu engabameli boluntu, ukuze abone ukuba nemfesane kwezenzo zikaThixo ekufezekiseni icebo losindiso. KwisiTyhilelo 4, angeniswa egumbini letrone kunye nengqungquthela, ukuze amkele uYesu emva kokufa kwaKhe emnqamlezweni, okululoyiso, nokuba abone ukuphakanyiselwa kwaKhe kwisikhundla sasezulwini akuba enyukile.

IsiTyhilelo 4:6–8 naso sikhankanya izinto ezine eziphilileyo. Thelekisa ukuchazwa kwazo nezinto ezine eziphilileyo kuHezekile 1:5–14 nakuHezekile 10:20–22 kunye neserafim kuIsaya 6:2, 3.

Izinto ezine eziphilileyo ziingelosi eziphakanyisiweyo ezikhonza uThixo njengabathunywa baKhe nabalindi betrone yaKhe (Ndumiso 99:1). Amaphiko azo alatha ngokomfuziselo ekukhawulezeni kwazo ekwenzeni imiyalelo kaThixo, aze amehlo azo abonise ukuhlakanipha kwazo. Imbonakalo yazo enje ngengonyama, ithole, umntu, nokhozi kunokubonwa njengokumele uhlelo lonke lwendalo. Ngobukho bazo, yonke indalo kaThixo imelwe kwigumbi letrone.

Incwadi Esongwayo Etywiniweyo

Funda: IsiTyhilelo 5:1. NgokukaIsaya 29:11, 12, yintoni intsingislo yokutywinwa kwencwadi esongwayo?

Umbhalo wesiGrike ubonisa ukuba incwadi esongwayo yayiphezu kwetrone ngakwisandla sasekunene sikaBawo. Yayilinde Lowo wayeza kufanela ukuba ayithabathe aze ahlale kwisihlalo saKhe etroneni. Ngamazwi kaEllen G. White, incwadi etywiniweyo "[ine] mbali yokubonelela kukaThixo, imbali yesiprofeto sezizwe kunye nebandla. Apha ngaphakathi kwakukho okwakuthethwe nguThixo, igunya laKhe, imithetho yaKhe, londe icebo elingumfuziselo kaNyangelemihla, nembali yawo onke amagunya alawulayo ezizweni. Ngentetho engumfuziselo, kwakukho kuloo ncwadi impembelelo yazo zonke izizwe, iilwimi, nabantu kususela ekuqalekeni kwembali yehlabathi kuse ekupheleni kwayo."—Ellen G. White, *Manuscript Releases,* vol. 9, p. 7. Ngokufutshane, incwadi esongwayo etywiniweyo ineemfihlakalo zikaThixo zamacebo okusombulula ingxaki yesono nokusindisa uluntu oluwileyo. Ukuqondwa ngokupheleleyo kwalo mfihlelo kuya kuqondakala ekubuyeni kukaKristu kwesibini (bona IsiTy. 10:7).

Funda: IsiTyhilelo 5:2–7. Kutheni le nto uKristu ikuphela kwaKhe kwindalo yonke onako ukuthabatha incwadi esongwayo etywiniweyo ayivule?

Intlekele ekwigumbi letrone ihambelana novukelo lukaSathana. Eli lizwekazi (iplaneti), nangona ladalwa nguThixo, beliphantsi kolawulo lowalihluthayo, uSathana. Ukulila kukaYohane kubonisa iinyembezi zabantu bakaThixo kususela kuAdam elilela ukusindiswa ebukhobokeni besono. Incwadi etywiniweyo inecebo likaThixo lokusombulula ingxaki yesono. Ngokungathandabuzekiyo, ngamandla aKhe angenako ukulinganiswa, nguThixo ngokwaKhe onako ukulenza elo cebo. Phofu ke, ukuhlangulwa koluntu oluwileyo lwalufuna into ekhethekileyo, leyo yayinguYesu, "owoyisayo" waza waba ufanele ukuba ayivule incwadi, ukuqalisa ulawulo kulo mhlaba, abe nguMthetheleli engcweleni yasemazulwini.

Sikufunda njani ukumgcina uYesu engowokuqala nophambili kumava ethu obuKristu?

Ukunikwa KweMvana Itrone

Funda: IsiTyhilelo 5:8–14 kunye nomaEfese 1:20–23 namaHebhere 10:12. Zizonke, zithini ngokusinika ithemba elikhulu nentuthuzelo phakathi kwehlabathi, elisinika lona okuncinane kakhulu kwezo zinto?

Uthi uKristu, oyiMvana, xa efika etroneni, athabathe incwadi esongiweyo. Ngesi senzo, kubekwa lonke igunya nobungangamsha phezu kwaKhe (bona uEfese 1:20–22). Ngaloo mzuzu, yonke iyunivesi iyamvuma uKristu ukuba unolawulo olufaneleyo phezu komhlaba. Oko kwakulahleke ngoAdam kuzuziwe ngoKristu.

Ngokuthabatha kukaKristu incwadi esongwayo, isiphelo salo lonke uluntu sibekwe ezandleni zaKhe. Izidalwa ezine eziphilileyo, namadoda amakhulu angama-24, bonke bawa phantsi phambi kwaKhe bamnqule, njengoko benzayo kwisiTyhilelo 5:9: "Ufanele ukuyithabatha incwadi nokuwavula amatywina ayo; ngokuba wena waxhelwa." Ngesi senzo, iingelosi ezaphakanyiswayo, nabameli boluntu oluhlangulweyo, baqinisekisa umbingelelo kaKristu ngenxa yoluntu. Ngegazi laKhe, wakhupha intlawulo elixabiso lokuthenga abantu abawileyo nokubanika lonke ithemba lokuhlangulwa nesithembiso sekamva esingakwaziyo nokulicinga.

Izidalwa ezine eziphilileyo namadoda amakhulu ngoku bahlangana nenyambalala engenakubalwa yomkhosi weengelosi ezijikeleze itrone zikhokela iindumiso kuKumkani osanda kubekwa: "Kuyifanele iMvana eyaxhelwayo ukwamkela amandla, nobutyebi, nobulumko, nokomelela, nembeko, nozuko, nokubongwa" (IsiTy. 5:12).

Ngeli xesha, yonke indalo esezulwini nasemhlabeni ihlangana kunye ekunikeni imbeko yobukhosi kuYise noNyana: "Kulowo uhleli etroneni nakuyo iMvana, makubekho ukubongwa, nembeko, nozuko, namandla kuse emaphakadeni asemaphakadeni! (IsiTy. 5:13). Indumiso yabo ihlangatyezwa ngo" 'Amen' " zizidalwa ezine namadoda angama-24 athobileyo kwigumbi letrone.

Iinzululwazi ngezinto ezingaphiliyo zinengcinga ethi, ngenye imini iyunivesi iya kutsha iphele okanye iziwele, okanye ikrazuke kubini. Umahluko ongako wexesha elizayo koko kunikwe eliZwini likaThixo! Singaqala njani, nangoku, ukuvuyela ikamva elisilindeleyo?

Ukubaluleka KwePentekoste

IsiTyhilelo 5 sichaza ezona ziganeko zokugqibela kwimbali yecebo losindiso: ukumiselwa kukaKristu kulungiselelo lwasemva kweKalvari njengoKumkani noMbingeleli omKhulu kwingcwele yasezulwini. Ngokuthabatha isihlalo saKhe etroneni esezulwini ngasekunene kukaYise (Heb. 12:2; bona nakwisiTy. 3:21), uKristu uyakwazi ukuqhubeka necebo losindiso kuse ekupheleni kokwenzeka kwalo. Uyakwazi ukuba nguMthetheleli engcweleni esezulwini, kuze kuthi ngaYe, abantu abawileyo bafumane inyoba yokungena bafike ngokukhululekileyo kuThixo baze bazuze ukuxolelwa ezonweni zabo.

Funda: IZenzo 2:32–36 kunye noYohane 7:39. Yintoni eyayibalulekile ngokuphakanyiselwa kukaKristu ezulwini ukuze kufike uMoya Oyingcwele? Kwakutheni engenako ukufika uMoya kubafundi ngaphambi kokuba uYesu azukiswe?

Ukuphakanyiselwa kukaKristu kwingcwele yasezulwini kwalandelwa kukuhla kukaMoya Oyingcwele phezu kwabafundi. IsiTyhilelo 5:6 sikhankanya ooMoya abasixhenxe "abathunywa emhlabeni wonke." Njengokuba ngaphambili uMoya Oyingcwele esoloko ephambi kwetrone (bona IsiTy. 1:4, 4:5), ekuhlalisweni kukaKristu etroneni, wathunywa emhlabeni. Oku kuthunywa kuhambelana nokumiselwa kukaKristu kulungiselelo lwaKhe lwasemva kweKalvari. Oku kwakuthetha ukuba uYesu wavela phambi kukaYise nokuba umbingelelo waKhe wawamkelekile ngenxa yoluntu. "Ukunyukela kukaYesu ezulwini, kwakusalatha ukuba abalandeli baKhe baya kuyamkela intsikelelo ethenjisiweyo. . . . Wathi akungena kumasango ezulu, uKristu wahlaliswa etroneni phakathi kweengelosi ezazimdumisa. Wathi wakugqitywa lo msitho, uMoya Oyingcwele wehla phezu kwabafundi ngemisinga emikhulu, wazukiswa ngokwenene uKristu ngozuko awayenalo noYise kususela ephakadeni. Ukuthululwa kwePentekoste yayiyindlela yokwazisa ngokufezwa komsebenzi wokubekwa koMsindisi. Wamthumela uMoya Oyingcwele kubalandeli baKhe ngokwesithembiso saKhe, ephuma ezulwini njengophawu lokuba, njengombingeleli nokumkani, ulinikiwe lonke igunya ezulwini nasemhlabeni, nokuba Othunyiweyo wathanjiswa ukuba abe phezu kwabantu baKhe."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, amaph. 38, 39.

Funda: Hebhere 4:16 no-8:1. Lithemba nenkuthazo ezinjani ozifumana kwinyaniso yokuba uYesu ehleli etroneni yasezulwini enguKumkani noMbingeleli wethu? Oko kunagalelo lini kuwe ekumelaneni neemeko zemihla ngemihla ebomini bakho, kanti ngokunjalo nakwikamva elingaqinisekanga?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, " 'To My Father, and Your Father,' " pp. 829–835, in *The Desire of Ages;* "The Gift of the Spirit," pp. 47–56, in *The IZenzo of the Apostles*. Isigidimi seziTyhilelo 4–5 sibaluleke ngendlela eyodwa kubantu bakaThixo abaphila ekupheleni kwembali yomhlaba. Ukuza kukaMoya Oyingcwele ngePentekoste kwaphawula ukuqala kokushunyayelwa kwegospile; umbindi wesigidimi wawungoYesu, owayephakanyiswe wanguKumkani noMbingeleli etroneni yasezulwini. Lo yayingumongo wenkolo kumaKristu okuqala (Heb. 8:1) nelitye lembobo yokushumayela kwawo (IZenzo 2:32–36; 5:30, 31). Le nyaniso yayiyinkuthazo nentsusa yokholo lwawo nesibindi sawo xa ejongene nentshutshiso neemeko ezinzima zobomi (IZenzo 7:55, 56; Roma 8:34). Isiphumo, abantu abaninzi basabela ekushumayeleni kwawo. Ukususela ngelo xesha, nangobukho bukaYesu ngolungiselelo lukaMoya Oyingcwele, ubukumkani bukaThixo bazibonakalalisa kwaye busaqhubeka ukwenza oko. Kufuneka singaze silibale ukuba kuphela ziindaba ezilungileyo zosindiso kuKristu ezinokufikelela ziguqule iintliziyo zabantu zibakhokelele ekusabeleni kubizo lwegospile engunaphakade yokoyika uThixo, (IsiTy. 14:7). Ithemba lethu ekuphela kwalo likuMsindisi wethu, onguKumkani noMbingeleli wethu kwingcwele yasezulwini. Unabantu baKhe, eya kuhlala enabo kude kube sekupheleni (Mat. 28:20). Kamva lisesandleni saKhe. Masingaze, ngoko, silibale ukuba ukugcina umxholo wegospile engqondweni kuya kuzisa impumelelo ekushunyayelweni kwesigidimi sokugqibela kuluntu olulahlekileyo nolubulalekayo. Akukho nto yimbi esiyishumayelayo ebaluleke njengoMnqamlezo nento osifundisa yona ngoThixo.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ngenye imini siza kuba sezulwini sidumisa sinqula iNkosi ngokulunga kwaYo, amandla aYo, (ngakumbi) nobabalo lwaYo. Zeziphi iindlela esingathi ngazo, nangoku, siziqhelise nokufika kwaloo mini? Oko kukuthi, singenza njani, ngoku, ukuba sinqule sidumise ngeentliziyo ezinombulelo ngako konke awasenzela naza kusenzela kona?

2. Funda: IsiTyhilelo 4:11 nesi-5:9. Zeziphi iindawo ezimbini esibona uYesu ezidlala apha, kwaye zombini ezi ndawo zibalulekile, kungekuphela kwicebo losindiso kodwa nakwisizathu sokuba iNkosi ilufanele unqulo lwethu? ISabatha, yona nento eyifundisayo, izibonakalalisa njani ezi nyaniso zimbini ngoThixo wethu?